S.E. Rune Mqayi: *Imvo Zabantsundu* (30 January 1912), page 3

**U Nongqawuse**

*Sigwetywa ngovuko lwabafileyo.*

Kuthiwa lo Nongqawuse yintombi kaMhlakaza, umpakathi omkhulu kaSarili into kaHintsa. Lo Mhlakaza ubengenguye umpakathi nje kodwa, ubewukhonza umzi wakowabo ngobugqirha, emi eGxarha, ekungeneni kweNciba elwandle.

Ibali lalenzwakazi selisaziwa kakulu emzin' apha, nesiyikili esenzekayo ngokuthetha kwayo. Ngenxa yokwaziwa kwebali eli selesuke athi elowo azityhuthulele eyakhe indawo kuNongqawuse apha, asebenzise eyakhe ingqondo kweso sicwili, kungekho salelo. Wonke ofuna ukunyembenya into, okanye efuna ukuyichitha, uya ayithiye igama lokuba nguNongqawuse. Imbangi yokuba eli gama lalomntan' ompakathi lipatheke kakubi kangaka kungenxa yokuba umzi wakowabo unenkolo yokuba wawulukuhla, wawuhlisela intlekele, - okunene kunjalo, kuba zininzi inkomo ezafayo ngeso siyikili, yaye imiphefumlo yabantu eyafayo ithandatyuzelwa kumashumi amahlanu amawaka (50,000).

Elinye Icala

Indawo engavumiyo kum ukucaca yile yokuba:

1. Yayiwafumene phi na amandla le ntwazana okuma phakathi kwe zihanqa zamadoda ithetha into engekhoyo; kuba nokuba ibithetha inyaniso, intombazana asi nto ibinamteto nalizwi eMaxhoseni, ingena mandla kanjalo.

2. Ekubenikweni umzi wabaThembu nokaXhosa yade yathumela abathunywa, inkosi neenkokheli zemizi, ukuya kuqonda ukuba le ntetho iyinyaniso na, zaya okunene eGxara, zabuya zikholiwe ukuba okunene inkomo mazixhelwe, abantu baza kuvuka.

3. Esi siyikili sasise sesikaNongqawuse na, yayingase iyimpahla yomzi ka Ntu na?

Uthe uNongqawuse:

a. Makulahlwe ukutya okukhoyo, kumbiwe ezikhulu izisele, kuba ziya kuzala kukutya. Kunjani ke okunene namhlanje? Angafanelana umntu engalimanga iminyaka elishumi, asuke umbona eze evela phesheya kwelwandle, amfumbe atsho ngesitha sengxowa, ezizinkozo, ezirhayiweyo, nezingumgubo.

b. Wathi inkomo ziya kuvuka. Kunjani okunene? Udikwa yinyama yenkomo, utya isithubi ukutya kwamafuya, nongazange afuye nebhokwe le. Hayi namhlanje, akungethi wakuxhela unike intamo kongena nkomo.

c. Wathi kuya kubakho uvuko lwabantu. Kunjani okunene namhlanje? Ubesitsho futhi uCaptain Veldtman ukuthi: “AmaXhosa la asibantu bebenayo nenzala le, bathe ukuze babenokufumana inzala kwafika ezintokazi zaseMbo.” Ebethetha inyaniso ke uCaptain xa atshoyo; kumaXhosa mzuzu ibingekho le nto indoda ukuvisa eshumini abantwana ngamfazi mnye.

Ngaphaya koko, abantwana abafunyanwa ngamankazana esithubeni apha bangaphezulu lee kwaba babafazi abendileyo, - into ebingekho ngaphambili inkazana ukuzicholela umntwana. Lo mawaka angamashumi amahlanu afa ngoNongqawuse selede aphindaphindwa ngobuninzi ngabantwana aba bezisu bodwa.

Ngoko ke ndicinga ukuba ndingatsho lula ukuthi izithetho zale ntombazana zizaliseke njengazo nezawuphi na umpolofiti izithetho. Ngako oko ke nokuba ubani akandivisisi ngokwanamhla, makandivumele kodwa ndibeke linye mabini ndisithi:

Oloyi!!!
Wangcol’ umhle ntombi kaGqirha,
Kanjalo wangcola kwabasekhaya.
Wenziwe m’bi mntaka Mhlakaza.
Kanjalo wenziwe m’bi ngabakowenu.
Kalok’ abanye bayavukelwa ngumvambo,
Kalok’ abanye bayadanjelwa.
Azi kuthiwa ngewutheni na?
Ngewenze njanin’ ukuze kube kulungile?
Uke aphikiswe na Lo wathi thetha?
Uk’ amelwe ngaphambili n’ Omandl angaka?
Khanixele bantu ngeletheni na lo mntwana?
Wanceda nton’Jon’ akungcacela?
Akavukelwanga nangamanz’ olwandle na?
Wathinin’ uMosis’ akuzilandulela,
Akatyalwanga ngabhaxa na?
Hi na khona ngoka Hilikiya?
Akabethanga mlonyeni nayena?
Make sixelelwe kaloku, -
Ngewutheni na mntaka Mhlakaza,
Nzwakaz’ enkulu yakulo Phalo?
Qobokozana lingalalanga mzini
Kuba nanamhla likwi ndada zeNqweba.

Kuba nanamhla lise zweni lakowalo.
Umadibanis' umzi ngebhanti –
Ngebhanti yobunye nokolo
Ukuz' olukhanyo silubingelele,
Kakade thina singaba bingeleli,
Singaba nyusi bamadin' enkomo
Kuba sikolelwa kuvuko lwabafi.
Ibiyakuba ngumhlola, -
Ibiyakuba ngundaza ndabona,
Ibiyakuba lilinqa linqanqathekile
Ukuthi sifikelwe lungaka singenz' igazi,
Sibingelel' ukanyo esiluphiwe ngesisa,
Sibingelel' iLizwi lo Mhlekaz' Omhle:
Elize kuthi singalibizanga,
Sithambis' inyawo zabafundisi,
Zaba Hlekaz' Omhle kaNyawoshe.
Ukub' olubingelelo besingalwenzanga
Besingayi kulungelwa nto naphambili,
Besiyakuba sesiseLundini,
Besiya kuxakeka sesiphambili,
Besiya kuyilahl' ipuluwa,
Inqwelo siyinikel' umva,
Sithi kuk' imfanel' esingayenzanga.
Siwushiye ngemv' um-Nikandiba.
Siwashiye ngemv' amagaz' enkomo.
Yiyo lento lent' ingavum' kulunga,
Yiyo lento lent' ingavumi kuqina,
Yiyo lento lent' isolok' iyingcubunga.
Ude watyapha ntombi yezaseGxara,
Ude watyaph' ukusikumbuza kwasentloko,
Zesiti sisuka sibe sesigqibile.
Akuboni k' okunene kubonakele,
Sithe siyafika kwanga kudala,
Sithe siyafik' asiqoqonyanga,
Zothuk' izizwe zaman' ukutsheka,
Zithi kuthenin' ukuthi ngekhulu leminyaka,
Babe aba sebenj' ukomelela?

Sebephethe zonk' indawo zamandla?
Sebezivelele zonk' inkalo zobuntu?
Makafe amaTamba alungisile,
Yifani maTamba nide natyapha.
Into yesizw' iqiniswa ligazi.
Xa nditshoy' andigxeki maGogotya,
Nani maGogoty' andinideli,
Kuba akubingelelwa ngamhlamb' uphela.
Nani ngelenu nizukisile,
Ngamana nakula ngokukhula.
Oloyi, nzwakazi yakwaPhalo!
Namhl' obawo bavukile yinene,
Ukungabaphulaphul' abathethathethi,
Abazika phakathi izinto zesizwe,
Isizwe sinyuke sangocwenene.
Bonke sebesidla ngendeb' endala,
Asisaboni namny' onesidlubu,
Asisaboni namny' onembala,
Amanya nezishampa kwasangana,
Akusekho nkayoyo zizisu zinemvanya,
Akusekho zinek' emazants' amaziko,
Akusambiwa nongwe namnga;
Akusambiwa ntsenge naqobo;
Namagontsi achume ayaphulana.
Ilizwe lizele ngabanumzana,
Int' ezifak' imixhaka neminweba;
Kazi zazithatha phin' impondo zendlovu?
Kwakunye nezintsu ze zingwe?
Bayakuqhatha mntaka Mhlakaza, -
Namhla bonke banengxeba,
Namhla bonke badl' imivubo,
Bavukelwe ngoyise nangonina,
Nenkosi ngokwazo zivukile,
Zinjalonj' azibusisi ngumangaliso,
Siqhub' inkomo kule mimangwana yonke,
Mazif' ezonkomana mbini zafayo,
Yifani nkomana mbini zafayo,

Igazi lenu lisithethelele lukulwini,
Utsho wacaca namhla noQamata,
Esibe simnqula mhla sathimla kuphela.
Namhla simakaya ngamabini:
Ikweli phakade nakwelo Lizayo.
Yifani nto zakowethu nani!
Olona luninz' uluntu luvukile;
Kanjalo luvuko seluse mandleni
Kuba luvel' umzi sewulungisiwe;
Namagqirha hay' akasahlabi nto
Kuba konk' ukufa nakugutyula.
Siyangcambaza noko bangathandiyo,
Silala nebanga sivuke nebanga.
Awalomhlab' amabanga siwagqibile,
Kungoku siphethene noSifuba-Sibanzi,
Owadibana nokaGaba eGqorha.
Sithetha Naye sithi makaphendule,
Noko singenzanga nto ngoNtsikana,
Sasisafun' inkomo zokubingelela,
Ukuze sibe lukhuni kwakufik' irhangqa,
Ukuze sibe lukhuni kwakufik' amanyala,
Eza nentlang' ezinamajwabu,
Ezimbambath onina nodade bazo,
Ezidl' ononkala, nemfudo, namasele.
Namhla ke izinto zifeziwe,
Az' amalungel' abanjwe yintoni na?
Kub' igazi nalo selandulele?
Yivani k' elika Sifuba-Sibanzi, -
Uth' isizwe makhe sibuyelane,
Uth' abantu mabayek' ukuthengisana.
Makulahlw' ubuthi nobuthi basezizweni,
Ixa lokufika Kwakhe selise mnyango.
Oloyi ke ntombi kaMhlakaza!
Oloyi ke nzwakazi yakwaPhalo!!
Ncincilili!!!